

UNIVERSITY OF FORT HARE

XHS212 & XHS212E

DEGREE EXAMINATIONS
June 2016

Time: 3 Hours

Subject: IsiXhosa

Paper: IsiXhosa Literature

Marks: 100

This paper consists of 3 pages including the cover.

Internal Examiners

Prof. CR Botha

Dr NP Satyo

Dr N Gxekwa

Dr SS Mdaka

Instructions

Phendula imibuzo oyikhethe kumacandelo **amabini** (2). Kwicandelo A onyanzeleinikileyo ukuba uliphendule khetha imibuzo ibe mibini. Kwicandelo B phendula **yonke** imibuzo. Kwicandelo C phendula **yonke** imibuzo .

**XHS212 & XHS212E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -June 2016**

ICANDELO A

Umbuzo 1.1

Qaqambisa amabakala esiyileli elichankcatha kuwo ibali landulo kwaXhosa ngokusimelela ngebali lomthonyama libe linye.

[25]

OKANYE

Umbuzo 1.2

Iintsomi zizixhobo ezisifundisa imbeko , ukuthatha imiyalelo yabazali , imvelaphi nentlalo yezilwanyana. Bhala intsomi equlathe zonke ezi zixhobo kuthethwa ngazo, zikhankanye uze ke uzichaze ucaphule apha naphaya ubonisa ezi zixhobo.

[25]

Umbuzo 2.1

Ababhali abaninzi besiXhosa bayakholisa ukudimbaza kumabali andulo ukunonga iincwadi zabo. Ngqiyama uqamele ngale ncwadi ka-A C Jordan ithi *Ingqumbo Yeminyanya* ubenge uxhome exhantini ubuchwepheshe balo makhwekhwethe ekuyileni isakhiwo sale ncwadi ngokucangcatha kumabakala esiyileli sebali landulo.

[25]

OKANYE

Umbuzo 2.1

Gxoga macala onke kule ncwadi ka - AC Jordan ethi *Ingqumbo Yeminyanya* uvumbulule iindlela abumba ngazo iqhawe lakhe uZwelinzima ngokungqiyama ngemigqaliselo ekwakusinyelelwa ngayo xa kubunjwa iqhawe kumabali andulo.

[25]

**XHS212 & XHS212E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -June 2016**

Umbuzo 3.1

- a) Yithi gqaba gqaba ngeendidi zoncwadi lwemveli ozifundileyo. (10)
- b) Ungathi anceda njani amaqhina entlalweni yakho nakumaziko emfundo? Zekelisa. (15)
- [25]**

OKANYE

Umbuzo 3.2

Nika iimpawu eziphawulekayo kwimibongo yabantwana , wandule ukuzichaza. (25)

ICANDELO B

Umbuzo 4

1. Ngo-April ka-1816 umfundisi u....wavunyelwa ukuba angene kule ngingqi yakwaNgqika. (1)
 2. I-"Old Lovedale" yayindawoni? (1)
 3. Ngomnyaka ka-1824 umfundisi u..... kunye no..... bazakhela imishini kunye nendawo yokushicilela. (2)
 4. U-DDT Jabavu wayengunyana ka..... (1)
- [5]**

Umbuzo 5

Lungisa iziphene kulo mhlathi ungezantsi:

UTiyo Soga wabuyela eJamani ukuya kulungiselela ubufundisi. Wenza isifundo se-Artsi kwiYunivesithi yaseLondon waza waqeqeshelwa ubugosa benkonzo yaseRoma. Ngo-1856 waba ngumfundisi wokuqala womAfrika ukugcotywa eBritani. Ngomnyaka olandelayo watshata nenkosazana egama linguJanet Bishop baza babuyela e-India bobabini.

[5]

**XHS212 & XHS212E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -June 2016**

Umbuzo 6

Phendula imibuzo ibe **mine** kule ilandelayo:

1. Chaza ngokufutshane igalelo lika-WB Rubusana ekwandisweni koluncwadi lwesiXhosa. (5)
2. Balisa ngokusekwa kwephepha-ndaba elithi: "Imvo Zabantsundu" (5)
3. Ekuqaleni kwale nkulungwane, u-JT Jabavu uye wafunela unyana wakhe indawo yokufunda eDale College. Kwenzeka ntoni emveni koko? (5)
4. Chaza ngokufutshane igalelo lika-JH Soga ekwandisweni koluncwadi lwesiXhosa (5)
5. Inguquko kaNtsikana yasukela kumbono awaba nalo, awathi wazalwa ngokutsha. Balisa ngale nguquko kaNtsikana. (5)

[20]

Umbuzo 7

Xoxa ngegalelo lababhali ababini kwaba balandelayo ekwandisweni koluncwadi lwesiXhosa:

U-SEK Mqhayi

u-S Magona

u-AC Jordan

[20]

ICANDELO C

Umbuzo 8

Yintoni igalelo? Tyatyadula uxoxe ngegalelo lababhali ababini kuncwadi lwesiXhosa.

Naba phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- a) Imvelaphi yabo.
- b) Imfundo yabo.
- c) Iindidi zoncwadi ababalasele kuzo.

[25]

Umbuzo 9

a) Khawuthelekise ababhali ababini obachongileyo kwaba ufunde ngabo kule modyuli. Veza izinto abathe bazenza ukuphucula uncwadi lwesiXhosa. (10)

**XHS212 & XHS212E- IsiXhosa Literature
Degree Examinations -June 2016**

b)Qhabalaka uchaze ngegalelo likaGqobha njengoMpondozihlanjiwe kuncwadi lwesiXhosa kwezenkonzo, iintsomi zakwantu, ubulumko nobutyebi bamaqhalo nezaci namaphephandaba. (15)

[25]
